

PULA IMVUILA

>> GROWING FOOD >> GROWING PEOPLE >> GROWING PROSPERITY >>



TSHAZIMPUNZI
2016

IXESHA LOKUVUNA – ukungalicwangciselis, kukucwangciselis ukusilela



Ukhoso ngalunye lubalulekile. Zinike ixesha kweli thuba lokulima lokukwqwalasela oku. Sibone imbaalela enkulukulo nyaka nekhokelele kwixabiso lombona eliza kuhlala liphezulu. Thina balimi sifanele ukwenza konke okusemandleni ethu ukwandsa izivuno zethu kangangoko ukuze senzelelele iilahleko ezibangelwe yimbalela. Ukuze kwenzeke oku sifanele ukuqjinisekisa ukuba izenzo zethu zokuvuna zenziwa ngoqwalaselokubonelela le meko kangangoko kunokwenzeka njengoko ukhoso ngalunye lubalulekile.

Kufuneka sisebenze ngobunono kangangoko kuyo yonke imisebenzi yokuvuna ukususela kulondolozo loomatshini ukuya kwintengiso yeenkozo zethu.

Phambi kokuqalisu ngokuvuna, zinike ixesha lokuphuhlisa isicwangciso-cebo sokusebenza esincomekayo. Sona sifanele ukuquka inkqubo yolondolozolo loomatshini, inkqubo yokusebenza kunye nesicwangciso sokuthengisa.

Inkqubo yolondolozolo loomatshini

Malunga nalo mba kufuneka uqwalasele yonke into nokuba incinane esisixhobo sokusebenza eza kusetyenziswa ngexesha lokuvuna ukususela kwisixhobo sokuvuna-sibhula ukuya kwiiinqwelo zokulayisha. Yonke into idinga ukuqwalaselwa ngenjongo enye yokunciphisa umonakalo kangangoko kunokwensiwa. Kunyaka ofana neyesiqhelo sikholisu ukungakuhoi ukuvuza okungephi kwizixhobo zethu zokusebenza sizithethelele ngokuthi ‘hayi noko asivuzi kakhu-lu’ okanye ‘iinkomo ziza kuzitya ezo nkozo’. Kodwa inyaniso yeyokuba ngonyaka ngamnye sifumana iilahleko ezinkulu ngenxa yoomatshini abangalondolozwa kakuhle.


Imazini yakwa Grain SA
yophuhliso Iwabavelisi

Bala Moteng:

04 | Imigaqo nezizathu zoqikelelo Iwesivuno

06 | I-Canola – isikhondo esinokubola kwe-sclerotinia siyaphunguka

08 | Phatha iimbotyi zesoya zakho ngenceba ngokugcina ukufuma



11



Ixesha lokuvuna – ukungalicwangciseli, kukucwangcisela ukusilela



UMAKHULU UJANE UTHI...

Zinzi kakhulu izityholo zorhwaphilizo ezindabeni kule mihla. Siyazi ukuba xa ubandakanyeka kurhwaphilizo kuthetha ukuba unggumi waseMzantsi Afrika ongawuthobeliyo umthetho. Xa unjalo akunagalelo ekwakhiwi kwlizwe lethu elihle kwaye akwakhi khaya lezizukulwana zexesha elizayo.

Oku kuzise umbuso othi engqondweni yam 'Ngaba mna ndingummi othobela umthetho?' – kanzi sicinga ukuba abanyeabantu baphula umthetho ngeli xesha nathi siwaphula umthetho. Masijonge ukusetyenzisa kweendlela – ngaba wena uyema kuphawu olubonisa ukuba izithuthi zifanele ukuma? Ngaba isantya sakho usigcina singaneno kumda wesantya omiselwe kuzo zonke iindlela? Ugqitha kwezinye imoto uwubona umgca omhlophe ongaqhawu-qhawulwanga? **Ukuba uphendule ngokuthi 'ewe' kuyo nayiphi imibuzo kule, ngoko ke akungommi othobela umthetho, ngamanye amazwi akungommi olungileyo waseMzantsi Afrika.**

Ikhona into owakhe wayithatha engeyoyakho? Ukhe wathengisa nokuba yintoni engeyoyakho? Ngaba abasebenzi bakho babhalisiwe na kwiUIF kwaye ngaba uayiyihlawula imirhumo efuneka ngenyanga nganye? Ngaba uyibhalisele na irhafu yengeniso kwaye uayiyivakala na ingeniso yakho ukuze uhlawule irhafu? Ukuba ubhalise iVAT, wakhe wenza ibango leVAT ngempahla engeyivo eyeshishini lakho? **Ukuba uphendule ngokuthi 'ewe' kuyo nayiphi imibuzo kule, nawe ke akungommi othobela umthetho ngamanye amazwi akungommi olungileyo waseMzantsi Afrika.**

Ukuba usebenzela urhulumente – ukhe wavumela ukuyotywa nguye nabani? Ukhe wenzelelela isalamane sakho? Ukhe wafaka umtu emsebenzini kuba enobudlelwane nawe nokuba akanazo izakhono zobuchule nemfundo efanele eso sikhundla? Ukhe 'wazisikela' kuyo nayiphi intengiselwano ephunyezwe nguwe? Ukhe wasebenzisa impahla karhulumente uyisebenzisa isiqu sakho? Ukhe wasebenzisa imoto karhulumente iGG uyisebenzisa isiqu sakho? **Ukuba uphendule ngokuthi 'ewe' kuyo nayiphi mibuzo kule, nawe ke akungommi othobela umthetho ngamanye amazwi akungommi olungileyo waseMzantsi Afrika.**

Nasi isicelo sam kule nyanga – 'masibambisanekwaye simanyane ukuze silwe ulwaphulo-mthetho norhwaphilizo simi kunye'. Masibe ngabemi abathobela umthetho siphile ngokomgaqo-siseko wethu ongummangaliso. Lilizwe lethu eli kwaye sidinga ukulakha ukuze abantwana bethu nabantwana babo babe nekhaya elikhuselekileyo nelinenkqubela.

Qwalasela bonke oomatshini bakho bokuvuna, ukhumbule ukuba injongo yakho ephambili kukunciphisa ilahleko kangangoko kunokwenzeka.

Kwisixhobo sakho sokuvuna-sibhula qiniseka ukuba izihluzi zakho zilungelelene kakuhle ngokunjalo zibubukhulu obuchanekileyo obulungele iinkozo ozivunayo. Qwalasela imingxuma kune nezibotho. Jonga zonke iijoyinti nemiphetho kwisixhobo sakho sokuvuna-sibhula ukuze uqiniseke ukuba akukho zikhewu zinokubangela ukuvuza kwembewu. Qiniseka ukuba isixhobo sokubhola esisiqhekezi sisebenza kakuhle nokuthi kungabikho ndawo zivuzayo kwifanele yokutha nasembhojeni wesixhobo sokubhola. Kwintloko yesixhobo sokuvuna-sibhula qiniseka ukuba umisela yonke into ngokuchanekileyo ngokwezithuba ezipifikathi kwemiqolo yakho.

Kwiinqwelo zokulayisha nakwizigadla kufuneka uqwalasele ukuba zonke izithuba neentanda zitywiniwe kananjalo iminyango yeenkozo ivaleke nkqi nangokuzinzileyo. Qeqesha abasebenzi bakho abaza kusebenzisa oomatshini ukuba baziqwalaese ngokuphinda-phinda ezi zinto phambi kokuqalisa ngokusa iinkozo kwindawo ezi-fanele ukusiwa kuyo. Ngokunjalo, mqeqeshe umbhexeshi wesixhobo sokuvuna-sivuna ukuba asoloko eqinisekisa ukuba uyasicima isixhobo sokubhola xa kugqityiwe ukuchekiza aze asibuyisele kwisimo sokugcinwa kwaso. Ndive kanzi ngabaqhubi abashiya izixhobo zokubhola zingacinywanga baze ngokwenza njalo bamoshe itoni ngeeton

zombona xa bevuna-bebhula. Kulo nyaka asinakunyamezelazakho naziphi izehlo ezingafelekanga ezifana nezi.

Inkqubo yokusebenza

Malunga nalo mba ufanele ukwenza izicwangciso zezenzo zakho nenkqubo oza kuwavuna uwabhule ngayo amasimi akho. Okuninzi kulo msebenzi kuya kuxhomekeka kwisiqulatho sokufuma kweenkozo, kanti ufanele ukuzama kangangoko ukubala izenzo zolandelewano kwinkqubo eyiyona incomekayo yemisebenzi ukuze ukwazi ukunciphisa iindleko kangangoko unako.

Yonke into isebeza ngedizili kwaye idizili izezona zindleko ziphezulu zomsebenzi wokuvuna. Ukuba uzenza kakuhle izicwangciso zakho ngohlolo olucutha umgama ophakathi kwendawo yoku-vuna naleyo kusiwa kuyo isivuno unako ukugcina imali eninzi malunga namafutha okubasel. Umzekelo; ukuba ndine-ntsimi ekude kangangeekhilomitha ezi-5 ukusuka kwishedi yam kune nenyekude kangangezi-6, ubulumko kukuvuna ngexesha elinye kuloo masimi. Oku kuya kundikhusela ekubuyiseleni bonke oomatshini apho ngelinye ixesa.

Isicwangciso sokuthengisa

Njengabalimi 'singabamkelo bamaxabiso' oko kuthetha ukuba sifanele ukwamkela



Thina njengabalimi sifanele ukwenza konke okusemandleni ethu ukuzandisa kangangoko izivuno zethu.

ixabiso elibekwe kummandla wentengiso. Nge-lishwa akukho nto ingako sinokuyenza ngaloo nto. Kodwa akhona amacebo athile onokuwasebenzisa ukuqinisekisa ukuba ufumana elona xabiso lihle unokulifumana ngeenkozo zakho.

- Jonga-jonga kwiindawo eziliqela – asingawo onke amaziko ahlawula izixa zeenkonzo ezifanayo, ngoko ke qiniseka ukuba ufumana ongoyena uhlawula imali eyiyona iphezulu.
- Urukukhonranktha – ukuba usoloko uyibeke iliso indlela esebezenza ngayo imimandla yentengiso unako ukuzikhusela kwangaphambili kwilahleko ngokubeka ixabiso lesityalo sakho nangaliphi ixesha. Qinisekisa ukuba usebenzisa umthengiseli osemthethweni

phambi kokuzama eli cebo njengoko ukhona umngcipheko ekuthengiseni. Kulo nyaka ndikhe ndeva ngabalimi abakhusela ilahleko yabo ukuba babeka ixabiso le-R3 500/ ngetoni yombona kanti liza kunyuka libe yiR5 000/ngetoni, ngaloo ndlela baza kula-hlekela yi-R1 500/ngetoni yombona.

- Ulondoloz – njengabalimi sisenokungakwazi ukubeka ixabiso kodwa sinako ukwenza isiggibo sokungathengisi. Abalimi abaninzi benza oku kwiminyaka apho amaxabiso aphantsi khona baze balinde ukunyuswa kwamaxabiso phambi kokwenza isiggibo sokuthengisa. Kodwa oko andiqondi ukuba kuza kwenzeka kulo nyaka.

Imida ibalulekile emsebenzini wokufama. Sifanele ukwenza konke okusemandleni ethu ukwandisa imida yenzuso enokufumaneka ukuze sinciphise yonke ilahleko enokubakho. linkozo zethu esizilimayo ziymali esesandleni; ngoko ke sifanele ukuqinisekisa ukuba oomatsihini nezixhobo zokusebenza ezikhongozele imali yethu esesandleni azihambi zivuzisa iirandi neesenti. ☺

*Inqaku linikelwe nguGavin Mathews,
oneMfundu yesiDanga kuLavulo loBume
obusiNgqongileyo. Ngolwazi oluthe vetshe
thumela i-imeyili aphap: gavmat@gmail.com.*



Pula Imvula's Quote of the Month

*'Luck is a dividend of sweat. The more you sweat,
the luckier you get.'*

~ Ray Kroc

Imigaqo nezizathu zoqikelelo lwesivuno

Lo nyaka wokulima ube ngomnye weminyaka eyiyona inzima kwiminyaka engamashumi amathathu ngaphandle kwamaphondo athile nezithili ezifumene imvula ebaleulekileyo malunga nokuqinisekiswa kwestyalo sombona kwikroba ebelicwangciselwe lokulima eliloni lilungileyo.

Ukulima kuselithuba kumaphondo athile athwaxwe bubushushu obugqithisileyo obuvela kulophu olushushu bekumana kufika kwaza kwasebenziseka konke ukufuma obekugciniwe. Uqikelelo lwesivuno sasekuggibeleni obelunokubakho lwesitalo sokuggibela luya kucaca ngoMatshi nangoEpreli 2016 ngenxa yokudibana kwemihla yokutyalala nelahleko ekulinyweni kombona omhlopho ubukhulu becalal, eFree State.

Kuluncedo kakhlulu ukukwazi ukuhlalutya isityalo sakho sombona ukuze uqikelelo isivuno sasekuggibeleni kanye nengeniso enokubakho ukususela ngoMeyi ukuya kuAgasti ngo-2016.

Izizathu zokwenza uqikelelo lwesivuno

Ukuzingela kwangaphambili izivuno ezinokufumaneka kuya kwenza ukuba ukwazi ukuchaza isicwangciso sokuvuna, uthutho nesakhono esifunekayo solondolozo. Ukuqiniseka ngesivuno kuya kunceda ekwenziweni kwezigqibo ezifanelekileyo ezifana nemimandla yentengiso yeSafex, imeko yakho yemali yekamva nokuthi ukwazi ukunxibelelana namaziko emali okanye neembumba zentsebenziswano malunga nengeniso yesityalo enokulindeleka. Ukubekwa kwamaxabiso kuya kuxhomekeka kwiingqikelelo zeSafex nakwinqanaba lotshintshiselwano Iwe-Randi neDollar. Nceda zidibanise neSafex ukuze ubone amaxabiso angoku nawexesha elizayo, ngokwenza njalo uya kukwazi ukubala ingeniso enokufumaneka yesityalo emva kokugqitywa kohlolo lwesivunwa.

Lingqikelelo zombona omhlopho zihamba kwimali engange-R4 850 ngetoni yeengqikelelo zombona otyheli ezisekwe kwiindleko zempahla ethengwe ngaphandle okanye ukulingana ngeR3 450 ngetoni. Kwabanye abalimi isivuno seetoni ezi-2 ngehektare kusenokuba ngamanqanaba okuba phantsi kwamaxabiso okanye awenzuzzo.

Abalimi abaphumelelayo ukufumana ngaphezu kweetoni eziyi-2,5 ngehektare zombona omhlopho okanye otyheli kweli xesha lokulima baya kuqhoba kakuhle ngokwasemalini. Kwezinye iziganeko isityalo siya kuguqulelwa kwifula okanye kutyiswe imfuyo xa isivuno



esiqikelelwayo silindeleke ukuba kumgangatho ongakufanelanga owokuvuna.

Imida yokulima

Minanzi imiba enefuthe ekulimeni nakumabanga abalulekileyo okukhula kwesitalo, malunga nemihlanganisela emininzi efumane-kayo neya kuchaphazela uqikelelo. Oku kuya kubaluleka ngakumbi ngonyaka wembalela nonemozulu eshushu apho kukho iimeko ezahluka-hluke kakhulu zembalela khona kune nezichotho ezimana ukufika ezinike ukufuma okubalulekileyo kwesitalo nokupuhula okuquhubayo kwezityalo.

limeko ezahluka-hlukeleyo zemozulu zisenokuzitshintsha iingqikelelo zesiqhelo ezipapashiweyo malunga neentsuku ukuya ekuvuthweni ngokokusebenza kwendalo okanye kusuku lokuvuna lwemihlanganisela ethile.

Umgao-nkubo obalaseleyo ngowokusihloha ngokuqaphela isityalo kwangaphambili ukuze kwensiwe uqikelelo oluchaneke ka-

ngangoko kunokwenzeka kodwa kuxhomekeke kwibanga elithe nciam lophuhliso.

Imihlanganisela yombona iyafumaneka eMzantsi Afrika esusela kwiintsuku eziyi-105 ukuya kwiintsuku eziyi-145 nokuya ekuvuthweni ngo-kwendalo ngokunjalo nakwiintsuku eziyi-155 ukuya kweziyi-180 ukufusela ekulimeni ukuya ekuvuneni. Qaphela ukuba zifezeka nini ezi ngqikelelo malunga nemihlanganisela yombona elinywe kwifama yakho. Izenzo zokuphethula umhlabu ngolondolozo ziya kuzandisa ezi ngqikelelo ngeentsuku eziliqela. Amanani esiqhelo alinywayo nasyenyiszela imihlanganisela emitsha kwimihlabu elinywayo eyomileyo ahluka ukususela kwizityalo eziyi-15 ukuya kweziyi-20,000 ngehektare malunga nemihlabu enesakhono esiphantsi ukuya kwizityalo eziyi-18 ukuya kude kuge zizityalo eziyi-36,000 ngehektare kwimihlabu yesakhono esithe krata.

Izikhwебу

Ngexesa lebanga lokukhula lamva leV 12, elibakho malunga neentsuku eziyi-42 ukuya kweziyi



-46 emva kokuhluma kwemiqolo yeenkozo eliqela, kusenokuqikelelwa inani elinokubakho leenkozo, kunye nobukhulu besikhwebu. Uku-cinezeleka ngenxa yokufuma nobushushu kweli banga kuya kuhkolela kupuhliso lwezikhwebu olucekethileyo nakwivuno sasekugqibeleni. Emva kweli banga ukupuhla kwezikhwebu kuqhube ngokukhawuleza. Kwibanga lokuqala lokwanda elaziwa ngokuba yi-R1 imibungu yokuqala ibonakala ngaphandle kwamakhasi ukuze liqikeleleke elona nani leenkozo kunye nobukhulu beenkozo. Unqongophalo lokufuma kweli banga lunokubangela ilahleko ye 7% yesivuno esinokubakho ngosuku. Ubunzima beenkozo buqikelelwa kwibanga lokwanda ekuthiwa yi-R6.

Ukuhlalutya isivuno ngokulinganisa ubukhulu besikhwebu

Imbandela engundoqo efanele ukulinganiswa kuqikelelo lweшиву inani lezikhwebu nge-candelo ngalinye lendalo, iinkozo ngesikhwebu kunye nobunzima obungumyinge weenkozo.

Njengoko kuqapheleka, khumbula ukuba ingaba isityalo besicinezekile kwiindawo ezichaziweyo ezibalulekileyo. Izikhwebu zinokuhlolwa kakuhle kwasekuqaleni, kwibanga lentlama ethambileyo ukuze inani lemiqolo kunye nenxenyen yemiqolo ifumane umvumvuzelo ngempumelelo ngokunjalo ipuhle. Khumbula ukusika izikhwebu phakathi okanye ubale inani lemiqolo ngokuqaphela kanti yona inokwahluku ukususela kwesi-8 ukuya kweyi-20. Inani eliqhelekileyo mhlawumbi belyia kuba phakathi kwe-12 ne-16. Umbona wokurhweba ngezikhwebu ezelungileyo usenokuba kumyinge weenkozo eziyi-600.

Ukuba isityalo sikwibanga lokuvuthwa lendalo kusenokwenziwa uqikelelo oluchaneke ngakumbi.

Amanyathelo okubala

Bala inani lezikhwebu ngeemitha eziyi-10 kwi-indawo ezininzi ezmelweyo zomhlaba ophantsi kwengqalelo, bala iinkozo ezinokubakho eziya kuqina ukuze zibe ziinkozo ezinokuvunwa njeneenkozo ezincinane, ezipakathi nezinkulu,

ngokusebenzisa isixa seogram eziyi-0,28 ngokhozo ubale isixa sezikhwebu ezincinane, ezipakathi nezikhulu. Njengesikhokelo ngokubanzi izikhwebu ezincinane zinezixa ezimalunga neogram eziyi-120, ezipakathi kangangeogram eziyi-150 kunye nezikhwebu ezhikhulu ezingangeogram eziyi-180. Ukuba unako, njengoko kunqweneleka bala isixa esichaneleyo ukususela kwinani leenkozo ngesikhwebu okanye kungenjalo uqikelele uqikelele ubukhulu obungumyinge bezikhwebu ezibalwe kwiimitha ezili-10 okanye ngokomqolo.

Ubuninzi bombona bunokulinywa kwimiqolo yeemitha eziyi-0,92 okanye eziyi-0,75 okanye imigca yetremu. Kukho imiqolo yeemitha eziyi-108 ephinda-phindwe ngemiqolo yeemitha eyi-100 okanye iimitha eziyi-10 800 zezityalo kwihek-tare elinywe kubabanzi be-0,92 ne-133 ephinda-phindwe ngemiqolo yeemitha eziyi-100 kubabanzi bemiqolo be-0,75.

Ngoko ke ngeemitha ezili-10 zeendawo ezi-baliwyo zokuqikelela inani lezikhwebu inani lophinda-phindo kubalo lwethu liya kuba li-1 080. Ukuba bekubalwe izikhwebu eziyi-20 kwiimitha ezili-10 kunokuba kunjalo kwizikhwebu eziyi-20 x 1 080 ngehektare elingana nezikhwebu eziyi-21 600 ngehektare. Kwisixa sezikhwebu ezipakathi ngobukhulu obuziogram eziyi-150 kukho ke ngoko eziyi-21 600 x 150 zahlulwe nge-1 000 ukubonisa iikhilogram (kg) ngehektare (1 000 g/kg) kwahlulwe nge-1 000 (1 000 kg nge-toni) ukubonisa itoni ngehektare yesivuno esilindekileyo. Impendulo iya kuba ngu-3,24 yeeton ngehektare. Umntu unokuhamba ngendlela endala asuse i-10% yoqikelelo olubaxeleyo neelahleko zokuvuna ukuze afikelele kuqikelelo lweшиву sasekugqibeleni esingenamaqhezu se-2,9 yeeton ngehektare. Njengoko kunokubalwa izikhwebu ze-180 yeagram zinokunika isivuno esimalunga ne-3,5 yeeton ngehektare.

Elokugqibela

Khumbula naziphi iimeko zembalela okanye zobushushu obugqithisileyo ezivela kumabanga abalulekileyo okukhula afunyenwe sisityalo sakho sombona xa bekusenziswa uqikelelo olugqaliwyo nolondolozu lweшиву esinokubakho phambi kovuvuna kwenene kwsityalo sakho.

Inqaku linikelwe ngumlimi othathe umhlala-phantsi.

I-CANOLA – isikhondo esinokubola kwe-sclerotinia siyaphunguka

Ukubola kwasikhondo si-sclerotinia (*Sclerotinia sclerotiorum*) sesinye sezoyikiso ezizezona zikhulu ehlabathini malunga nemveliso ye-canola nangokufumaneka kwezivuno eziphezulu.

Kude kube ngo-2013 ifuthe lesi sifo kwi-shihini lecanola eMzantsi Afrika belibonwa njengelincinane kangangokuba lide lingabi namsebenzi. Nangona kunjalo, ukususela ngo-2014, ulawulo Iwesi sifo selunzima ngakumbi kanti ukusilela ekwenzeni oko kukhokelele kwizivuno ezinganeno kwezesiqhelo.

Impawu neemeko ezifanelekileyo


Impawu ziquka umbala ongwevu, umsikeko ombatshileyo kwisikhondo sesityalo secanola. Umngundo omhlophe okhulileyo ugquma umsikeko phantsi kweemeko ezifanelekileyo. Ukhолisa ukufumaneka kwicala elingaphantsi lesikhondo esingundoqo, kodwa unokubakho kwi-sityalo siphelle. Apho kwenzeke khona usuleleko, isityalo sikhola ukuxinaniseka futhi sibune ukuze oko kukhokelele ekuvuthweni kwaphambi kwexesha.

Isazobe 1: Umjikelo wobomi be-sclerotinia.



Saakele ya bophelo ba Sclerotinia.

Oku kuvuthwa phambi kwexesha (ukufa kwezityalo) kuya kubangela ilahleko yembewu nokuncipha kwezivuno. Usuleleko oseluhambele phambilu lusenokubonwa nje-ngeengqandana ezingqukuva eziphezulu (ezingenamilo ilandeleyo esikhondweni. I-sclerotia (iingqandana ezimilo ingqukuva) yimilo esindayo yomngundo).



Icanola kwi 20% yeentyatyambo – iintyatyambo eziyi-15 ezivulekileyo nemidumba kwisikhondo esingundoqo.

**Itheyibhile 1: Ukuchongwa kwamabanga okudubula kweentyatyambo zecanola.**

Ibanga lokudubula kweentyatyambo	Intyatyambo eziyilekileyo kwisikhondo esingundoqo (kuqukwamabanga imidumba)
10%	10
20%	14 to 16
30%	20

Umjikelo wobomi

Umjikelo wobomi be-sclerotinia ubonakala **kwiSazobe 1.**

I-sclerotia siya kuntshula phantsi kweemeko eziyilekileyo ezinokushwankathelwa ngale ndlela:

- limeko zomhlaba omanzi kwithuba elide.
- Amaqondo obushushu aphakathi kwe 11°C ne 14°C kwithuba elinokufikelela kwiintsuku ezilishumi xa kudubula intyatyambo zokuqala.
- limeko zomhlaba omanzi (inkungu nombeth) kwithuba elide lexesha lokudubula kweentyatyambo.
- Imibandela elandelayo inako ukuba negalelo kumngcipheko we-Sclerotinia esentsimini yakho:
 - Ikanopi etyebileyo neshinyeneyo.
 - Icanola okanye izityalo eziyimidumba entsimini kwixesha lakutshanje (i-sclerotia iyaphila kude kuge yiminyaka emithandathu emhlabeni).
 - Isiganeko sezifo kwisityalo esichaphazeleke mva.
 - Umgama ukusuka kwisityalo esichaphazeleke mva.
 - limeko zemvula nezinananzi amaninzi ngethuba lokudubula kweentyatyambo.

Ukutshatalisawa kwe-sclerotinia

Kwiminyaka embalwa edlulileyo kuvavanywe banzi imichiza eyahluka-hlukileyo etshabalalisa imingundo kwaye iziphumo zinike ithembu kuninzi lweemvavanyo. Kwithuba langoku kubhaliswe iimveliso ezimbini ezisetyenziselwa ukutshabalalisa i-sclerotina kwicanova, iyile, iAmistar neProsaro.

Ixesha elifanelekileyo lokuyifaka yeyona nxenyenibalekileyo yenqubo yakho yokuyifaka njengoko iroba lebanga elichanekileyo lilincinane kakhulu. Injongo yokufakwa kwemichiza yemingundo kukugquma amaggabi eentyatyambo kangangoko kunkwenzeza ngethuba kuseqinisekiswa ukuba umchiza nawo uyangenelela kwikanopi ukunceda ngokukhussela iindawo ezinokufunyanwa lusuleleko (ezifana neencam kune neziseko zamaggabi). Umchiza usebenza kakuhle kuphela emaggabini eentyatyambo akhoyo ngexesa lokutshiza. Umchiza awunakuwakhussela amaggabi eentyatyambo ahluma emva kokutshiza, kodwa ukufikelela okuthile komchiza kwikanopi kunokunceda ngokunciphisa usuleleko. Imichiza yokutshabalalisa imingundo ayinakuzinyanga iintlobo zosuleleko esezingenelele kwisikhondo zezityalo, yiloo nto kukho isidingo sokufaka umchiza womngundo phambi kokuwa okunefuthe kwamaggabi eentyatyambo xa iimeko zihambelana nosuleleko lwe-sclerotinia. Kubalulekile ukutshiza umchiza womngundo kumaggabi amaninzi atyheli eentyatyambo phambi kokuwa kwamaggabi eentyatyambo,



Icanola kwi 30% yeentyatyambo – intyatyambo eziyi-20 eziyilekileyo nemidumba kwisikhondo esingundoqo.

akholisa ukuba phakathi kwe 20% ne 50% yokudubula kweentyatyambo. **Itheyibhile 1** inokusetyenziswa njengesikhokelo sokufumanisa elona xesha lifanelekileyo lokufakwa kwemichiza.

Isiphetho

Owona mbandela ubaluleke kakhulu lixesha lokufakwa komchiza wokutshabalalisa umngundo kuba ufanele ukuligqala ixesa owenza isigqibo ngalo lokutshiza nokutshabalalisa isifo (ngokwemibandela ekhankanye ekuqaleni). Landela isityalo sakho ngocelelo nangokuzingileyo ukuze lichenke ixesa lakho. Kubalulekile ukukhumbula ukuba imihlanganisela eyahluka-hlukileyo inamatshuba okukhula ahlu-hlukileyo ngokunjalo nezantya ezhahluka-hlukileyo zokudubula kweentyatyambo. Qiniseka ukuba uyawahlolola onke amasimi akho phambi kokutshiza ukuze ulichane ixesa lokutshiza kwintsimi nganye.

Xa ulandela inkubo emanyanisiweyo yolawulo Iwaphambi kobukho bengxaki equka ukujikeleziswa kwezityalo, ukukhethwa kwemihlanganisela, inkubo yokufakwa kwezichumiso nemichiza yokutshabalalisa umngundo, ukubola kwsiskhondo esine-sclerotina akufanelanga kuba yingxaki kwisityalo sakho secanola.

Inqaku linikelwe nguFranco le Roux, uMphathi weMithombo yobuTyebi bezoLimo: SOILL. Ngolwazi olithe chattha, thumela i-imeyili apha: franco@soill.co.za.



Phatha iimbotyi zesoya zakho ngenceba ngokugcina ukufuma

Kuqhelekile ukulima iimbotyi zesoya kujikeleziso nezinye izityalo ezifanelekileyo kwindawo yakho yokufama nokuba kuhantsi kwenkubo yonkenccesho okanye kweyokulima emhlabeni owomileyo. Eli nqaku liza kuhlola eminye yemiba efanele ukukhunjulwa xa kuhunyeza inkqubo yokugcina kokufuma xa kulinwa iimbotyi zesoya emhlabeni owomileyo.

Isakhono sokuqulatha amanzi ngokuvakala komhlaba esandleni

Phambi kokuba siqwälasele ukhuselo lomhlaba ongaphezulu kubalulekile ukuqonda imiba ethile ngeempawu eziphathetkayo zomhlaba. Ukuvakala komhlaba esandleni nokwakheka kwawo kuneftthe elikhulu kungenelilo lwananzi, ekugqobhozekeni kwawo nakwisa-khono sawo sokugcina amanzi. Ukuvakala komhlaba esandleni kwalatha uqukaniselokomhlaba kune nesixa seengqakumbana ezinginane, eziphakathi nezikhulu zodongwe, zentlenga yomhlaba kananjalo nezesanti.

Ukwakheka komhlaba kuquka ukubumbeka kweengqakumbana zomhlaba zide zibe ngamade anika umhlaba isimo sokubumbeka kwawo. Amagade asenokukhululeka kwaye abe nkumnkum okanye enze izimbo ezifanayo kodwa ezahlukileyo komnye umhlaba. Imigaqo yakho yokuphethula umhlaba, iintlobo zoku-keleziwa kwezityalo kune nezenzo zolawulo ziya kukwalatha kangangoko ukuba ingaba uyawabumba na amagade okanye uyawaqhe-keza na ekuhambeni kwethuba elide.

Itheyibhile 1: Isakhono sokuqulatha amanzi ngokuvakala komhlaba esandleni

Udidi ngokuvakala esandleni	Isakhono sokuqulatha amanzi (mm ngee10 cm zobunzulu bomhlaba)		
	Uluhlu olu-phantsi	Uluhlu oluphe-zulu	Isiqhelo (kususwe amaqhezu)
Isanti entlaka-ntlaka	2,08	6,25	4
Isanti ecolekileyo	6,25	8,33	7
Isanti enovunduvundu	9,17	10,00	10
Uvunduvundu olunesanti	10,42	11,67	11
Isanti yovunduvundu olucolekileyo	12,50	16,67	15
Uvunduvundu olumentlenga	16,67	20,83	19
Uvunduvundu lodongwe olumentlenga	15,00	16,67	16
Udongwe olumentlenga	12,50	14,17	13
Udongwe	10,00	12,50	11

ukwazi ukunceda ngokugcina ukufuma kubo bonke ububanzi bomhlaba.

Umzekelo, kumhlaba waseWestleigh onobunzulu bomhlaba be-120 cm ne-90 cm womhlaba ongaphezulu kune nomhlaba ongaphantsi onovunduvundu lwasanti ngaphezu kwentlenga yodongwe, isixa sokufuma esinokugcineka siya kuba yi-90 cm eyahlulwa nge-10 cm ephinda-phindwe ngesakhono sokugcina amanzi esiboniswe ngasentla nesiyyi-11 mm nge-10 cm edibene ne-13 mm nge-10 cm ephinda-phindwe ngentsalelo ye-30 cm ukuze konke oko kwenze isimo somhlaba siphele. Impendulo kukuba isimo somhlaba siphele sinako ukugcina i-174 mm okanye i 30% yemvula yonyaka kwindawo apho imvula yonyaka yesiqhelo iyi-600 mm.

Ukuba ukwazile ukugcina esi sixa sokufuma phambi kwexesha lokulima oko kungakubeka kewsona simo sihle ukuze ukwazi ukulima ngexesha nokuthi isityalo esintshulileyo sikhazi ukukhula kakuhle kwiiveki ezintandathu ukuya kwiinyaqya ezimbini phambi kokufuneka kwemvula enika inkxaso.

Ukukhuthaza ulondolozo lamanzi

Inkqubo yakho yokulima, nokuba yeyomgaqo we-siqhelo okanye yeyokuphethula umhlaba ngolondolozo, mayiphunyeze ngenjongo yolondolozo lokufuma. Ngokuquka izityalo ezilinywa kumjikelo wokuzijikelezisa, kufuneka ukuba inkqubo yandise kangangoko intsalela yezityalo phakathi kwezityalo ezisemhlabeni ongaphezulu ukuze kukhuthazwe ukungenelela kwemvula nokugcina isimo somhlaba ongaphezulu nosezantsi sikhululekile xa kusetyenziswa izixhobo ezichanekileyo zokukra-zula umhlaba okanye izixhobo ezifanelekileyo ezinamazinyo ukuze nayiphi na imvula iye kutyhytha kububanzi bomhlaba buphele. Kufuneka kuhunyeze uktutshatalaliswa kokhula okufanelekileyo ukuze kuncitshiswe ukulahleka kwamanzi kangangoko, mhlawumbi ngokutshatalaliswa ngoomatshini okanye ngemichiza ngokusebenzisa imijikelo yokuqikelezisa kwezityalo.

Elokugqibela

Ngokukhumbula yonke imibandela ebalulekileyo yomhlaba, yenza isicwangciso sokulima esiya kuhuthaza ukwakheka kokufuma komhlaba nolondolozo ukuze iimbotyi zakho zesoya zomhlaba owomileyo zifumane elona thuba libalulekileyo lokusinda kumaxesha embalela ngethuba lokukhula. ⚡

Inqaku linikelwe ngumlimi othathe umhlala-phantsi.



Nalu uludwe Iwakho olufuneka ngoj^{ngilanga} kuEpreli

Ukulima nokuvuna kunokuba lilinge elinomvuzo omhle xa uzama kangangoko ukuzenza kakuhle izinto. Kufuneka uzinike ixesha lokwenza isicwangciso semisebenzi yakho ngokuqaphela kwaye uqiniseke ukuba akusebenzisi iindlela ezishunqulelayo.

Njengoko oojongilanga bezizyalo ezomeleleyo nezikwaziyo ukunyamezelia iimeko zeembalela, ngokuqinisekileyo baza kuba baninzi abalimi abalima oojongilanga kulo nyaka kunabalima umbona. Qinisekisa ukuba usilungiselela ngononophelo isityalo sakho ukube uvune lukhulu kuso.

Ngeli xesha imisebenzi yakho emininzi ufanele ukuba sowuyenzile, imisebenzi efana nokutyalu kanye nokutshiza ngemichiza. Oojongilanga bafanele ukuba bayadubula okanye bayabuna. Iliqela imibandela ebalulekileyo kweli banga:

- Utukshatyalaliswa kokhula;
- Izondlo zamaggabi;
- Utukshatyalaliswa kwezinambuzane;
- Amalungiselelo okuvuna; ngokunjalo
- Ukuthengisa.

Utukshatyalaliswa kokhula

Ukuvuna oojongilanga kusenokuba ngumsebenzi oxakayo njengoko iinkozo zembewu zithande ukuba ncinane. Oku kuthetha ukuba zininzi neenkozo zembewu yokhula eziqhelekileyo ezinokungena nazo kwisixhobo sokuvuna-sibhula ukube

zixubeke nembewu kajongilanga ngenxa yokuilingana kwazo ngobukhulu. Yiloo nto kubalulekile ukuzama ukugcina amasimi akho oojongilanga ecocke kangangoko kunokwenzeka.

Imbewu yokhula exubene neenkozo zakho isenokuba nefuthe elibi kumgangatho wakho ngokunjalo nexabiso olifumanayo lesityalo sakho. Kuqaphele ngakumbi ukutshatyalaliswa kokhula IweDatura (iOlieboom) njengoko lunokubangela iingxaki ezinini eziphathisa intloko ngexesa lokuvuna. Ukuba unepesi ephezelu yeDatura kwiinkozu zakho, amanye amaziko awasayi kuzamkela ukube oko kubangele inkcitho eyongezelelwego yokucocwa kweenkozo zakho zikajongilanga. Zama ukuzinika ixesha phambi kuvununa loku-hlola amasimi akho ukube ukhucule lonke ukhula olungafunekiyo. Oko kusenokukusindisa kwinkcitho ezinkulu kwixesha elizayo.

Izondlo zamaggabi

Ukuva isityalo sakho sikhangeleka sinesakhono esihle ngoko ke kusenokuba yinto elungileyo ukusebenzisa izondlo ezinika inkxaso. Oku kukholisa ukwenziwa ngokutshiza ngexesa lokuquva kanye phambi kokuba intloko kajongilanga ivuleke. Abalimi abaninzi banikela ngezondlo zamaggabi okanye basebenzise isitshizi somchiza weBoron esinako ukunyusa ubukhulu besivuno sesityalo sakho ukuba iimeko zifanelekile.

Utukshabalalisa izinambuzane

Yakuba intloko kajongilanga seyibumbe imbewu isuka ibe nomtsalane omkhulu kwizinambuzane ezininzi ngakumbi kwiintaka ezifana

namahobe nezincinane. Yiloo nto kubalulekile ukuzama ukusivuna sisuke msinyane kangangoko isityalo emasimini.

Qinisekisa ukuba yonke into ilungele ukusebenza msinyane akuba ome ngokwaneleyo ujongilanga ukuba

avunwe. Abalimi abaninzi basebenzisa amanyathelo othintelo ukube bazame ukunqanda umonakalo obangelwa ziintaka.

La manyathelo anokuquka izothuso, ukudubula iinkanunu zegesi ezingxolay ezbangela izandi ezikhulu ezothusa iintaka. La manyathelo asenokusebenza kwithuba eliftshane, kodwa iintaka zikhawuleza zikufunde ukuba akukho sothuso siyinene zize ziqhube ngokusitya isityalo sakho.

Amalungiselelo okuvuna

Njengokuba sekukhankanyiwe, libaluleke kakhulu ixesha kwaye ufanele ukujinisekisa ukuba zonke izixhobo zakho zokusebenza sezilungile msinyane xa sesome ngokwaneleyo isityalo ukuba sivunwe. Qwalasela bonke oomatshini ngokuqaphela ukube uqinisekise ukuba akusayi kuba neengxaki yakuba seyiqalisile imisebenzi. Qaphela xa usebenzisa isixhobo sakho sokuvuna-sibhula ukujinisekisa ukuba imosharha yeenkozo iya kuba ncinane kangangoko. Oku kuthetha ukuba isixhobo sokumba-mba iintloko zikajongilanga masisebenze kakuhle kwaye kufake zonke izihluzi ngokunjalo zisebenze kakuhle.

Qinisekisa ukuba uyaziqwalasela izivutheli kwaye uzmisele kakuhle ukube zingavutheli ngamandla kakhulu kuba oko kuya kumosha iinkozo. Okokuggibela, qwalasela zonke iinqwelo zokulayisha kanye nezigadla eziza kuthutha iinkozo ukube ujunge ukuba ingaba akukho zikhewu nezithuba apho zinokuvuza khona na iinkozo.

Ukuthengisa

Yiba nesicwangciso esilungileyo malunga nendawo oza kuyithengisela kuyo imveliso yakho. Qinisekisa ukuba uzama kangangoko kunokwenzeka ukufumana elona xabiso linokufumaneka leenkozo zakho njengoko imida yenzuzzo imxinwa ngakumbi ngonyaka wembalela ofana nalo siggithe kuwo. Gqala ummandla wentengiso ukube ulazi elona xabiso lemveliso yakho.

Yiba soloko uzama ukuvuna kakhulu kangangoko kwisityalo sakho. Le kuphela kwendlela yokwenza imali kwezolimo namhla. Yonke into ikhomba kubucukubhede bolawulo Iwakho nkwinqalelo yakho.

Inqaku linikelwe nguGavin Mathews,
oneMfundu yesiDanga kuLavulo loBume
obusiNgqongileyo. Ngolwazi oluthe vetshe
thumela i-imeyili alpha: gavmat@gmail.com.

intloko zikajongilanga ezisempilweni entle.

I-Grain SA kudliwano-ndlebe... noRemember Wiseman Mthethwa



Ulwazi, ubuchwepheshe, ukusebenza nzima nothando olushushu lwento ayenzayo, zi-zinto ezenza ukuba uRemember Wiseman Mthethwa abe ngumlimi anguye ozinikeleyo. URemember unenxaxheba kwiNkqubo yabaLimi ese-yikiBanga eliPhambili, ulilungu leKlabhu yeetonzi eziyi-250 kwaye ngoku ngusihlalo weQela loFundenzulu iAmajuba eNewcastle.

Uwuqhube phi umsebenzi wokufama kwaye ngehektare ezingaphi?

Ulima ntoni?

Ndiquhube umsebenzi wokufama kwisiphaluka sase-Dannhauser, phakathi kweDundee neNewcastle emantla aKwaZulu-Natal. Ndiqeshe ifama iMilnede, kuMnumzana Albert Eicker wasePretoria, ebukhulu buzihekture eziyi-612. Le fama ibiyeosapho kodwa kwiminyaka eminzi usapho belungayisebenzisi yaza yaqeshiselwa abalimi abaninzi ekupheleni kweminyaka yoo-1940. Ndiqwazile ukuyandisa ndaza ndavula amasimi angangehektare eziyi-200. Ukuqala kwam kwakukho amasimi eehektare eziyi-40, exubene namasimi angamafusi.

Kunyaka ophelileyo ndithenge iihektare eziyi-14 zemihlatyana ekufutshane, iGreenvale, ebinezibonelelo zeziqalelo zokufuya iihagu kune namasimi athile. Ndiqeshe amasimi eehektare eziyi-80 ku-Mnumzana Henk Zaal, kwifama iLilydale, kune ne-zinye eziyi-20 kuMnumzana Willem Raubenhorst.

Ndilime umbona kwihekture eziyi-260 kune neesugar beans kwihekture eziyi-53 kulo nyaka, emva kokuba ndilahlekelwe yeminye imihlabu ebendiyiqeshe kwiminyaka edlulileyo. Ndiqhube icandelo leenkomo eziyi-140, kanti kuzo ndineemazi zeenkomo eziyi-80 kune namathole. Ndinalo neca-

ndelo leemazi zeehagu eziyi-12 lokwandi-sa umhlambi weehagu, iigusha eziyi-70 neebhokhwe eziyi-52. Iihagu zilishishini elithande ukomelela, kanti omnye umbona wam ndiwusebenzisela ukuwuxuba nezondlo zazo ukuze ndigcine iindleko ziphantsi. Okwangoku ndiza kuba nombona owaneleyo kulo lonke ixesa lokuvuna – oku kwenza umahluko omkhulu kakulu xa sikhumbula iindleko ezinyukayo zezondlo.

Zinto zini ezikukhuthazayo?

Sikhulele kwifama yaseLilydale sisebenzela uMnumzana Louis Alberts kwaye sihlala kuye, kodwa nathi besizifamela. UMnumzana Alberts wayengumzekelo endandifuna ukukulandela – wayesebenza nzima, esiqhuba ukuba sisebenze nzima waze waphumelela ukuqhuba amashishini alicela efama. Ndafunda ngokuzibonela ukuba ukufama bubomi bam – kunika usapho lwam ukuty, ingeniso ngokunjalo nekamva. Kubalulekile kwisizwe sethu, njengoko abantu bedinga ukuty ukuze baphile.

Chaza imiba onamandla kuyo nobuthathaka kuyo

Imiba yamandla: Imiba yamandla Yam zizakhono zobuchule endizifundileyo – ukulima izityalo, ukufuya nokuba nolwazi ngokudingeka efama. Ndisebenza nzima kwaye ndinothando olushushu ngomsebenzi wam. Ndiyakuthanda nokusebenza nabantu, ukuncedisa abo ndinokubancedisa nokufunda kwabo banento endinokuyizuza kubo. Ndiyakuthakazelela ukuzama izinto ezintsha kwaye ndiyazimisela ukufunda, andiziva ndibandazelele.

Imiba yobuthathaka: Ubuthathaka bam kukuba bingingenamfundo yaneleyo, kwaye ndimana ndidunga uncedo malunga nezi zakhono zobuchule. Ngamanye amaxesha esi sithintelo sindikhathaza kakulu, kodwa ndiyazama ukuziphucula.

Sasisingakanani isivuno sesityalo sakho ngoko wawuqalisu ukufama? Singakanani ngoko kwezo zityalo?

Ukuqalisa kwam ngo-2012, izivuno zam zazinnganelisi – umbona omhlophe wawuziitonzi eziyi-2 ngehektare kanti umbona otyheli wawuziitonzi eziyi-3 ngehektare. Kanti oko kwakuphucukile kunokuba sasisenza ekhaya kodwa ndandibona ukuba abalimi abarhwebayo basebenza phucukileyo KAKHULU kwaza oko kwandikhuthaza ukuba nam ndifune ukuziphucula. Isityalo sam sokuqala saba kwihekture eziyi-40.

Unyaka ophelileyo ubungunyaka wembalea kuthi, kodwa ndikwazile ukusondela kwiitonzi eziyi-

malunga nezi-4. Kulo nyaka isityalo sikhangeleka siphucukile nangona kukho imbalela – ndiyakhola ukuba ndinalo ithuba lokukhupa kule mihlaba iitoni ezisi-7 ngehektare, ayikho intsimi efanele ukukhupa nganeno kwiitonzi eziyi-5 ngehektare. Lusezandleni zoMdali ulwazi lokuba singakanani isivuno esiza kusifumana kulo nyaka.

Ucinga ukuba libe yintoni igalelo eliphambili kwinkqubela nakwimpumelelo yakho?

Ulwazi nobuchwepheshe. Ndiqalile ukuthatha isampulu yomhlabu, ukusebenzisa imigaqo yolimo ephucukileyo, ukusebenzisa imbewu ephucukileyo, imichiza nokufakwa kwezichumiso. Malunga nokulima, ndikholelwu ekubeni ikamva lam lisemhlabeni, ngoko ke kufuneka ndiwuphucule. Apho ndinako khona, ndisebenzisa inkunkuma yeenkukhu ukuncedisa ngokuphucula (amanqanaba omgquba) emhlabeni. Ndifundile kwiimpazamo zam kwaye ndisoloko ndikuthakazelela ukuzama imigaqo emitsha yokwenza izinto. Kulo nyaka ndiqalise ngomgaqo ‘wokungaphethuli mhlaba’ ukuze ndibone ukuba uqhuba njani.

Hlobu luni loqequesho osowulufumene kude kube ngoku iloluphi uqequesho osalunqwenelayo?

Ukuqala kwam, ndincediswe yiSeda ngoqequesho loshishino nangezakhono zobuchule bokulawula. ISebe lezoLimo lincedile nalo ngezifundo zoqequesho, ngakumbi ngakwicala lemufayo. Kulo nyaka iprojekthi yeSA Breweries isinike uqequesho kanti futhi ndiyile nakwizifundo zoqequesho zaseGrain SA. Umcebisi wam naye undincedise ngoqequesho nangeenkazo ezenziwa entsimini.

Ndingwenela ukuphuhila izakhono zam zobuchule kwicala lobunjineli nokukhanda, ukutshisela iintsimbi njalo njalo.

Akukho sifundo ndisenzileyo singqaliswe emboneni kwaye ndingathanda ukuba naso endisenzayo, ndide ndifikelele kwibanga lezifundo eseliphambili njengoko umbona isisityalo sam esingundoqo neshishini lolimo. Kanti ndingwenela nokufunda banzi ngokufama ngononophelo na-nogokusebenzisa ezobuchwepheshe ezifumane-kayo, ngakumbi ukubek’ iliso ngeGPS nangezinto ezifakwayo.

Uzibona undawoni kwiminyaka emihlanu ezayo? Ngaba unqwenela ukuzuza ntoni?
Kuhle ukuba neengcinga ezintle kodwa ukuziphumeza yenye into. Umntu ufanele ukwazi ukuba ziyafileleka, makayazi into yokuba oko kuya kufuna umntu osebenza nzima kakulu, imali yokuqalisa

Kumngcipheko ovelayo, kubakho izifundo ezibalulekileyo



Ukwahluka-hlukanisa ishishini lakho kuya kuba nefuthe elikhulu ekuthinteleni iziphumo zemingcipheko.

Kwinqaku elidlulileyo sichaze imingcipheko njengeemeko ezinokwenzeka ebezingabonwanga ngaphambili, ezingacwangci selwanga, ezingeyondalo, ezingaqhelekanga, nezingalindelekanga ezinokwenzeka zize zibangele ilahleko yohlobo oluthile.

Khumbula ukuba njengomlimi xa uqalisa ngokulima imveliso ujongana nemingcipheko enokubakho. Ngokubanzi masithi ujongana nemingcipheko yokulima, imingcipheko yokuthengisa kunge nemingcipheko yemali.

Ngethuba lenqubo yokuthengisa zininzi izinto ezinokwenzeka njengeemeko ezingenakuqinisekiswa zemozulu (iimbalela, izikhukula, isichotho, iqabaka eggithisileyo) kunge neentlekele ezifana nemililo yasendle kunge nohlaselio lwezityalo nemfuyo zizifo.

Ngethuba lenqubo yokuthengisa kukho izinto ezinokwenzeka eginokuphazamisa inkqubo yokuthengisa kunge/okanye eginokuba nefuthe elingafunekyo kumaxabiso. Ilahleko isenokuba kwizinto ezibambekayo – akunakukwazi ukuthengisa iimveliso zakho (iiblorho zingonakala ngamaxesa ezikhukula). Okanye ixabiso leemveliso zakho lisenokuthotywa ngesizathu esithile okanye ngesizathu esingaphaya kwamandla akho.

Imingcipheko yemali inokubangelwa yinge-niso ephantzi kunge/okanye iingxaki zokugcina

imeko efanelekileyo yomqukuqelo wemali ese-sandleni, ngoko ke ichaphazel impumelelo yeshishini malunga nemali. Makuhunjulwe ukuba imingcipheko yokulima, eyokuthengisa neyemali iyathungelana.

Abalimi bethu abaninzi banamava ngamathuba embalela (emingcipheko yexesha elide) agxinise ulovo lokuba ngokuqinisekileyo ishishini lokufama lelona shishini lilawuleka nzima kwaye alifuni mabhetyebhetye. Nge-lishwa le mbalela ayizi kuba yeyokugqibela. Kaloku uMzantsi Afrika lelinye lamazwe athandwa yimbalela ehlabathini kwaye imbalela yinto eyenzeka rhoqo, yiloo nto sifanele ukulima sikukhumbula oku.

Masiyamkele inyaniso yokuba imbalela ibangele iingxaki ezinkulu, ezikhatsihwa ziziphumo ezingafanelekanga zemali, kufuneka sizame ukuhlala ethembeni. Ngoko ke, yintoni esinokuyifunda kumava ethu ngembalela? Ngaba ikhona into esinokuyifunda? Yimfuneko engenakuphikiswa ukuqaphela iziphumo zembalela nento enokwenziwa ukuze zingabi nabuzaza kwixesha elizayo. Kufuneka uphucule ulawulo lwakho ukuba ufuna ukuphumelela njengomlimi. Imbalela iza kudlula ngoko ke, xa uqhuba ngeshishini lakho lokufama, khumbula okulandelayo.

Malunga nenqubo yokulima, ngokuqinisekileyo imbalela ikugxininisile ukuthi, ukuba ku-

yenzenka, zama kangangoko unako ukuba namashishini ahluka-hlukileyo kwishishini lakho lokufama, lingabi linye. Ukwahlukanisa kuthe-tha ukuquka amashishini okufama angachatshazelwa yimingcipheko efanayo. Lima izityalo ezahluka-hlukileyo ezinamaxesa okukhula ahluka-hlukileyo kananjalo nezingachatshazelwa ngokulinganayo yimbalela. Ukufakelwa kweshishini lemfuyo kuya kuba nefuthe elikhulu ekunqanden ubuzaza beziphumo zemingcipheko. Xa ishishini lahlula-hluliwe, ithinteleka phukuleyo imingcipheko.

Imbalela nayo yandile ‘Zenze ngendlela efanelekileyo iziseko’. Enyanisweni, unokuyi-huba ifama ngento ofama ngayo, kodwa yenza izinto ngendlela echanek kangangoko kunokwenzeka. Walungise ngokuchanekileyo amasimi akho, tyala kubunzulu obuchanekileyo, tshabalalisa ukhula nezinambuzane ezonakalisa izityalo ngokuqaphela. Ukuba kufika imbalela zize izityalo zakho zombona zikhuphisane nokhula ngokufuma ifuthe elingafunekyo liya kuba nobuzaza ngakumbi.

Ukusetyenziswa kwemigaqo yokufama ngolondolozo nako kukhanyisiwe. Ukufama ngolondolozo kunokuchazwa njengenkubo yomgaqo wokufama ngolondolozo enciphisa ukuphazamiseka komhlaba ngokuphethulwa komhlaba okungephi nangokujikelezisa izityalo ngenjongo yokushiya intsalela yezinto eziphilayo

Iqela labahleli

GRAIN SA: BLOEMFONTEIN

Suite 3, Private Bag X11, Brandhof, 9324
7 Collins Street, Arboretum
Bloemfontein
► 08600 47246
► Fax: 051 430 7574 ▲ www.grainsa.co.za

UMHLELI OYINTLOKO

Jane McPherson
► 082 854 7171 ▲ jane@grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel
► 084 264 1422 ▲ liana@grainsa.co.za

UYILO, UBUME NOSHICILELO

Infoworks
► 018 468 2716 ▲ www.infoworks.biz



IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

iSiXhosa,
IsiNgesi, IsiBhulu, iSeTswana,
iSesotho sa Leboa nesi IsiZulu.

Inkqubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

ABAQUQUZELELI BOPHUHLISO

Danie van den Berg
Free State (Bloemfontein)
► 071 675 5497 ▲ danie@grainsa.co.za

Johan Kriel

Free State (Ladybrand)
► 079 497 4294 ▲ johank@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 051 924 1099 ▲ Dimakatso Nyambose

Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Nelspruit)
► 084 604 0549 ▲ jerry@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 013 755 4575 ▲ Nonhlanhla Sithole

Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
► 082 354 5749 ▲ jurie@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 034 907 5040 ▲ Sydwell Nkosi

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Louwsburg)
► 084 582 1697 ▲ graeme@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 034 907 5040 ▲ Sydwell Nkosi

Ian Househam

EMpuma-Koloni (Kokstad)
► 078 791 1004 ▲ ian@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 039 727 5749 ▲ Luthando Diko

Liana Stroebel

ENTshona-Koloni (Paarl)
► 084 264 1422 ▲ liana@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 012 816 8057 ▲ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)
► 082 877 6749 ▲ dutoit@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 012 816 8038 ▲ Lebo Mogatlanyane

Julius Motsoeneng

North West (Taung)
► 072 182 7889 ▲ julius@grainsa.co.za

Articles written by independent writers
are the views of the writer and not of Grain SA.

I-Grain SA kudliwano-ndlebe... noRemember Wiseman Mthethwa

umsebenzi (kuba ngathi liphupha) kanti kukho imozulu neemeko ebezingegelekanga ngaphambili. Ndinqwenela ukusebenzisa obona buchwepheshes bufumanekayo bubalaseleyo, ndisebenze ngo-nonophelo kwaye ndizenzele konke. Ndingathanda ukuba nendawo eyeyam. Ukuhlawula irenti kune-mingcipheko yako njengoko ndithi xa ndisebenza ngokuzimisela, kwaye ndimana ndiphucula umgagatho, nerentu inyuka.

Ungabacebisa uthini abalimi abasaqalayo abanomnqweno wempumelelo?

Icebiso endinalo LUTHANDO OLUSHUSHU lokufama, ukusebenza nzima, ukuzinikela nokusebenzisa amathuba avulekayo. Musa ukulinda omnye umntu ukuba akwenzele yonke into, qalisu ngento onayo kwaye ungangxami. Funda onako ukukufunda, kwimpazamo zakho nakwezabanye. Akusayi kusoloko ulungelwa kangako ziinzuso kodwa yiba nen-yemeko – ukufama asiloshishini leenzuzzo eziphezulu.

Ulwazi luxananazile, unga-funda ube no-lwazi kodwa kufuneka uziqhelanise nalo kwaye ucele asebelusebenzisile ukuba baku-ncede bakufundise.

Le mbalela indifundise ukuba amanzi axabiseke kakhulu ebantwini, kwimfuyo nasekulimeni izityalo. Yonke into mayenzelwe ukuphucula, ukulondoloza nokuwusebenzisa ngononophelo lo mthombo wobutyebi.

Ngexesha lam lokucamngca ndicinga gqitha ngendlela yokuziphucula mna neshishini lam. Isizwe sethu sidinga ukutya.

Abo bacinga ukungena ekufameni bafanele ukucingisisa ngokuqaphela eyona nto YENENE abyifunayo, baninzi kakhulu abantu abafuna ukufama, nokufumana iifama kanti oko AKUTHETHI ukuba ngabalimi ncam. Njengomlimi ufanele ukunga-xomekeki mntwini, ukuze ukwazi ukuzenzela. Ungacingi ukuba uza kuthembela kwiikhontraktha ukuba ziza kukusebenzela ngokomdla wakho ongo-wona usentiziyewi yakho. Ufanele ukwazi UKU-ZENZELA NGOKWAKHO.

*Inqaku linikelwe nguGraeme Engelbrecht,
uMququzeleli woPhuhliso weNkqubo
yoPhuhliso yaseGrain SA, KwaZulu-Natal.
Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imelyi
apha: graeme@grainsa.co.za.*

Kumngcipheko ovelayo, kubakho izifundo ezibalulekileyo

eninzi kangangoko (isigcina-kufuma) emasими-kuze kwandiswe ukungenelela kwamanzi.

Malunga nemfuyo, yenza ofanele ukukwenza ngemfuyo yakho. Kubaluleke kakhulu ukusebenzisa inkqubo efanelekileyo yolawulo lokutuya impahlia kwaye idlelo malingaze nanini lisetyenziswe ngokungathi liyahbuqwa. Sebenzisa isithethe esamkelekileyo sokutuya ngo-kwesakhono samadlelo endawo yakho ngawo onke amaxesha. Kukwabalulekile ukwakha ibhanki yesondlo (uqokelele ifula kunye/okanye neyesisele) njengokutya okugcinelwe amaxesha embalela. Ukuba kuyenzeka yakha ibhanki yesondlo eya kukwazi ukugcina umhlambi wakho kwithuba lonyaka obona buncinane.

Malunga nolawulo lwentengiso yahlukana-intengiso yeemveliso zakho kwaye ukhumbule umba wokuphucula ukuxabiseka kweemveliso zakho. Oku kuthetha ukuba kufuneka wenze isicwangciso seshishini lakho ngendlela kunganjani xa ninokuzimanyanisa njengeqela?

Malunga nolawulo lwemali umba osoloko uphakanyiswa ngowohlahllo lwabiwo-mali olu-fanelekileyo. Oku kuthetha ukuba kufuneka wenze isicwangciso seshishini lakho ngendlela

efanelekileyo, uqale ngeenkqubo zolawulo lokulima ezinika uqwala-selo olunzulu ngeshishini ngalinye ukuze ukususela aphi kuqwalaselwe uhlahllo lwabiwo-mali lonyaka-mali olwensiwa ngenx' engaphambili. Emva koko qhuba ifama ngokwesicwangciso sakho esingqongqo ngokunjalo nohlahllo lwabiwo-mali.

Elokushwankathela cinga ngokwahluk-hukanisa ishishini lakho ngokunjalo usebenzise ukufama ngolondolozo, iziseko zokusebenza zenze kakuhle kwaye uqhube ishishini lakho lokufama ngokwesicwangciso sakho esingqongqo ngokunjalo nohlahllo lwabiwo-mali.

Isitshixo sokuthintela iziphumo zeemeko ezingafunekyo lulawulo – ukwenza isicwangciso, ulungiselelo, impumezo noququzelelo, ngokuchaneke kangangoko anokwenza umntu ophilayo. Xa kunokubakho ise-hlo semeko enobuzaza, esifana nethuba elide lembalela, yiba noxolo – indima yakho uyifezile.

Inqaku linikelwe nguMarius Greyling, umbhal-i kvipula Imvula. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imelyi apha: mariusg@mccacc.co.za.

THIS PUBLICATION IS
MADE POSSIBLE BY THE
CONTRIBUTION OF
THE MAIZE TRUST